

THE ART OF RESEARCH



Ukuqonda iintsholongwane ezosulela ibhakthiriya – esona sixhobo sigqwesileyo ngokuchasene nebhakthiriya


Ukuqonda ngcono indlela oziphatha ngayo umzimba kwiintsholongwane ezosulela ibhakthiriya inokunika ithemba ekugqibeleni kwizigulane ezilwa usulelo olunganyangekiyo ngezibulala ntsholongwane.

Caleb Swanepoel ngumfundi ophumelele isidanga sesibini kwiinzululwazi ngeentsholongwane kwezonyango kwiYunivesithi yaseKapa.

Kwizigulane ezinosulelo olunganyangekiyo ngezibulala ntsholongwane olnokubulala, unyango lweentsholongwane eyosulela ibhakthiriya inokuba lithemba lokugqibela lonyango. Unyango lwentsholongwane eyosulela ibhakthiriya kukusetyenziswa kweentsholongwane (phages) ezithile ezosulela ibhakthiriya ukunyanga usulelo lwebhakthiriya. Njengeerobhoti ezincinci ezingababulali, iintsholongwane ezosulela ibhakthiriya zijolisa kwibhakthiriya zize ziziphindaphinde ngaphakathi kwazo, zitshabalalisa ibhakthiriya kwaye zidala iintsholongwane ezosulela ibhakthiriya kwinkqubo leyo.

Ngenxa yokungabikho kolwazi malunga nendlela oziphatha ngayo umzimba womntu kwiintsholongwane ezosulela ibhakthiriya, uphando lwechiza elitsha kufuneka luphehlelelwe xesha ngalinye isigulane sifuna unyango lwentsholongwane eyosulela ibhakthiriya. Uphando lukaCaleb Swanepoel lujolise ekunikeni ukuqonda okungcono, jikelele ngokungaphaya kwendlela amajoni omzimba omntu aziphatha ngayo kwiintlobo ezohlukeneyo zentsholongwane eyosulela ibhakthiriya.

“Ukuba siyayazi indlela uhlobo lwentsholongwane eyosulela



Ukuqonda iintsholongwane ezosulela ibhakthiriya kunokunceda kumlo ochasene nosulelo olunganyangekiyo ngezibulala ntsholongwane.

Presented in association with the Institute of Infectious Disease and Molecular Medicine, this programme forms part of #theArtofResearch, an initiative of research communication specialists Jive Media Africa.



ibhakthiriya ephembelela ngayo ukuziphatha komzimba kuyo, sinokwenza umzila jikelele kwiintsholongwane ezosulela ibhakthiriya ezininzi ezohlukeneyo ngokusekelwe kuhlobo lwazo,” utshilo uSwanepoel. “Oku kunganika isikhokelo sokuba singaziphatha njani na isigulane kunyango, kunye nokuba zeziphi na iintsholongwane ezosulela ibhakthiriya ezikhuselekileyo okanye ezisebenza kakhulu kunezinye.”

Umzamo wokwenene kufuneka wenziwe ukuhlela ukusabela kokugonyeka kwiintsholongwane ezosulela ibhakthiriya ezininzi, ezineyantlukwano kangangoko

kunokwenzeka ukuze sakhe uluhlu lweentsholongwane ezosulela ibhakthiriya ezikhuselekileyo, eziluncedo – njengekathalogu yevenkile yeintanethi.

“Imithetho ebandakanyekayo kufuneka itshintshe ngokukhawuleza ukwenza ukuba oogqirha banyange abantu ngonyango lwentsholongwane eyosulela ibhakthiriya, ngaphandle kokuqhuba ulingo lwechiza elitsha olude.

